



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2013

**ISIXHOZA ULWIMI LWASEKHAYA – P1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ama 6.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**ISICATSHULWA A****UMBUZO 1**

- 1.1 NguNolusapho (1)
- 1.2 (iii) wehlika (2)
- 1.3 Bubuxoki wayeqala: waboniswa indawo ekumiwa kuyo ngabantu abaya eNaledi ze wancedwa lipolisa elamyalela indlela aza kuyihamba. (2)
- 1.4 Kukuba kulapho abasebenzi babesimba khona igolide emigodini(Nayiphi na inkaza enikwa ngumfundu enomhluzi) (2)
- 1.5 (Nasiphi na isivakalisi esiveza ukutyckeza kosana esivakalayo)
Ndinike ilaphu lokosula usana apha esifubeni kuba lutyckezele, ndiyacinga luhluthi mpu. (2)
- 1.6 Wathi akuzichaza lwakhamnqa (1)
- 1.7 Usinika ulovo lokuba amaphupha anyanisile masiwakholelwe. (2)
- 1.8 (ii) Ukuthetha into engavakaliyo (2)
- 1.9 Ingcuka eyambethe ufele Iwegusha/ubuqholo bengcuka (2)
- 1.10 Ngendawushiya umendo ndagoduka/ngendaya kuzisebenzela (naluphi ulovo oluza nomfundu olunomhluzi) (2)
- 1.11 Wayengayithandi kuba naku eyithengela abantu bokuyibulala. (1)
- 1.12 (iii) Olungileyo nokholose ngoYehova (1)
- 1.13 Kukubonakalisa imbeko kuLovo uthandaza kuye/Kukubonisa intobeko kuThixo (Naluphi ulovo lomfundu oluvakalayo) (2)
- 1.14 Naluphi ulovo lomfundu olunomhluzi (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.15 (c) 50 – 70 (2)
- 1.16 Inokuba sisikhumbuzo somtshato wabo/ukho lo wenzelwe itheko lokuzalwa (ulovo lomfundu olubonisa ulonwabo nothando) (2)
- 1.17 Zohlukile/azifani kuba kwesokuqala umfazi uza kubulaliswa yindoda yakhe kanti kulo mfanekiso babonakala bechulumancile bade basela kunye okanye babonakala bethandana. (2)

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****UKUKOREKISHWA KWESISHWANKATHELO:**

- **Ulwabiwo Iwamanqaku**
Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
Amanqaku ama-3 olwimi
Ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
1 – 3 amanqaku achanekileyo: nika inqaku eli-1.
4 – 5 amanqaku achanekileyo: nika amanqaku amabini.
6 – 7 amanqaku achanekileyo: nika amanqaku ama-3.
- **Ubalo Iwamagama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Makungathatyathwa manqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama awasebenzisileyo okanye ubhale inani elingelilo.
 - Ukuba udlule kwinani elimiselweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwabekiweyo uwayeke alandelayo.
 - Izishwankathelo ezifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma masingabikho isohlwayo.

ISISHWANKATHELO NGOKWEENGONGOMA

- USiziwe wabulala umntwana wesithandwa sakhe ngenxa yokukhweleta.
- Ukuthandana kwabo uSiya waxelela uSiziwe ukuba unomntwana kwenye intombi kodwa abasathandani.
- Babethandana kakhulu de kwafuneka unina womntwana etshintshe umsebenzi, umntwana wagcinwa nguSiya.
- USiya wahoya umntwana kakhulu akabi naxesha likaSiziwe.
- USiziwe wacebisa unina womntwana ukuba abuye eze emntwaneni kodwa akavuma.
- Wagqiba kwelokumbulala umntwana, wamlanda esikolweni wamkhamela endlwini yakhe, wamfaka ebhokisini wamsa kwaSiya.
- USiya nonina womntwana bakhathazeka, uSiziwe ululekwa nguggirha wengqondo kuba kucingwa ukuba uphazamisekile kwaye usejеле kananjalo.

ISISHWANKATHELO NGOKOHLOBO LOMHLATHI

USiziwe wabulala umntwana wesithandwa sakhe ngenxa yokukhweleta. Ukuthandana kwabo uSiya waxelela uSiziwe ukuba unomntwana kwenye intombi kodwa abasathandani. Babethandana kakhulu de kwafuneka unina womntwana atshintshe umsebenzi, umntwana wagcinwa nguSiya. USiya wahoya kakhulu umntwana akabi naxesha likaSiziwe. USiziwe wacebisa unina womntwana ukuba abuye eze emntwaneni kodwa akavuma. Wagqiba kwelokumbulala umntwana, wamlanda esikolweni wamkhamela endlwini yakhe, wamfaka ebhokisini wamsa kwaSiya. USiya nonina womntwana bakhathazeka. USiziwe ululekwa ngugqirha wengqondo kuba kucingwa ukuba uphazamisekile kwaye usejele kananjalo.

AMANQAKU ECANDELO B: **10**

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

- | | | |
|-----|--|------------|
| 3.1 | Yi fibre/ Magic fibre | (1) |
| 3.2 | Kubafundi bebangla leshumi elinesibini | (1) |
| 3.3 | Qhakaza ntwana! Qhakaza ntokazi | (1) |
| 3.4 | Uzizuzele amafutha okuthambisa mahala | (1) |
| 3.5 | Ukutsala umdla | (2) |
| 3.6 | Yiloo nto yenziwe kakuhle, icikiziwe kwaye ilele ncwaba iyabukeka. | (2)
[8] |

UMBUZO 4

- | | | |
|-----|---|-------------|
| 4.1 | Zingqonge | (1) |
| 4.2 | Lilandela isenzi u-waluthi | (1) |
| 4.3 | (b) Sisifaniso / (b) | (1) |
| 4.4 | Sikwimo yaso yentsusa siba kwisixando sokwenzela sibe nesimamva u-ela | (1) |
| 4.5 | Umfundi wolisebenzisa eli gama liveze intsingiselo
Yethumbu elibizwa ngokuba ngumzi / Ingca yokoluka izithebe
namakhuko ebizwa ngokuba ngumzi | (2) |
| 4.6 | Libonakalisa ukusizela/ ubuhlungu/ uvelwano | (1) |
| 4.7 | (a) Indawo
(b) Isixhobo esenziwe ngaso isenzo | (2) |
| 4.8 | Intombazana yabaleka ngqee> igatya eliyintloko
Ukuze ingabhaqwa> igatya sihlomelo lenjongo | (2)
[11] |

UMBUZO 5

- 5.1 Ndicele ulovo lwakho (1)
- 5.2 UShoti wathi, “Ndiyayithanda inkqubela yeshishini lakho elincinane.” (2)
- 5.3 Liyahlanganisa /lidibana izivakalisi (1)
- 5.4 Umsindo/ ukudikwa/ ukukruquka (1)
- 5.5 Ubhetele>Ungcono (2)
- 5.6 Ukushiywa luvalo/ ukuthi rhiphu uvalo (2)
- 5.7 Lichaza isibizo esineceba laso (1)
- 5.8 (c) iimpuku ezininzi (1)
[11]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70